# VAKALISA ILIZWI LAKHO!
# PUBLIC LIGHTS IN KOMMETJIE

Icandelo eLenza iZibane zikaWonkewonke zeSixeko saseKapa lifumana izicelo zezibane zokulayita iindlela okanye izitrato zikawonkewonke kwisizeko sonke. Ezi zicelo ziye ziphandwe kulandelwa imiqathango yeSixeko yokufakela izibane zikawonkewonke, nomgaqonkqubo weSixeko nemigangatho yezibane.

**Kundululwa ukuba kulandelwe enye yezi ndlela zimbini kulo mzuzu:**

**1.** HAYI. Akukho zibane zikawonkewonke eziza kufakelwa ngoku: Makusebenze ezi zibane zikhoyo ngoku eKommetjie kodwa izicelo zezibane zexa elizayo mazifumane imvume kwiBhungana phambi kokuba eso sicelo samkelwe. Iindlela iWireless neRiverside mazingakhanyiswa ngoku yaye izibane ezintsha ezintathu ezisandula ukufakelwa mazikhutshwe.

**OKANYE**

**2.** EWE. Makongezwe ezinye izibane: ISixeko siza kuhlola izicelo zabahlali zezibane silandela imiqathango yemigangatho ekhoyo. Xa oko kwamkelwe, indlela okanye isitrato eso siya kulayitwa.

Ngokwecandelo 17 lomthetho iLocal Government: Municipal Systems Act, uMthetho 32 wango2000, uluntu namaqela anomdla anikwa ithuba ukuba afake izimvo zawo ukususela ngomhla we17 ukuya kowe31 kweyoMqungu (Janyuwari) 2025.

ISixeko saseKapa siza kuthumela iqela laso eliqokelela iiNkcukacha ukuba lingene indlu nendlu kwiindawo ezingalayitwanga eKommetjie ukuqala ngowe20 kweyoMqungu 2025 kuya kowe-31 kweyoMqungu 2025.

**Izimvo nezindululo okanye imibono ingangeniswa ngezi ndlela zilandelayo:**

- Imeyili: Public.Participation@capetown.gov.za
- Uvakaliso-zimvo: Skena ikhowudi yeQR ngokufaka izimvo zakho ngenkqubo yejithali okanye uye ku- www.capetown.gov.za/collaborate
- Izimvo ezibhaliweyo: Ibhungana 19 Ofisi, 41 Central Circle, Fish Hoek

Kuya kunikezwa uncedo olukhethekileyo kubantu abangakwazi ukufunda nokubhala, abantu abakhubazekileyo noluntu uluntu oluhlelekileyo olungakwazi ukufaka izimvo ezibhaliweyo ukuze izimvo zabo zirekhodwe yaye zingeniswe kumasipala.

**Xa unemibuzo, fowunela u:021 400 1450 okanye uthumele i-imeyili kuAnthea.Bendie@capetown.gov.za**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMANEJALA WESIXEKO**
CTA04/2025

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.